



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2017

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA 3

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure



Olu viwo lunamaphepha ama – 5.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

ICANDELO A: Izincoko (50)

ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)

QAPHELA: Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule imibuzo emiBINI kwiCandelo B.

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A kunye nemibuzo emiBINI kwicandelo B.

3. Bhala ngesiXhosa esamkelekileyo nesichanekileyo.

4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/ itshati ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njl.njl.) uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-80

ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-70 (2 x 35)

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo.

9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.


10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama- 340–390.

- 1.1 Ndandincume okosana luvuyela unina. [50]
- 1.2 Amalungelo akanakwahlulwa kuxanduva lwawo. [50]
- 1.3 Ukukwazi ukuzeyisa kuneziphumo ezihle. [50]
- 1.4 Ilizwi labadala alidliwa mpuku. [50]
- 1.5 Inkcubeko yomntu inendima eyidlalayo ekubumbeni isimilo. [50]
- 1.6 Xa ndinokuba namandla okususa imiqobo kwimpumelelo yabahluphekayo. [50]
- 1.7 Qwalasela le mifanekiso ingezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo

1.7.1



[Ucatshulwe kwi-intanethi www.googlesearch.com waza wahlelwa]

[50]

1.7.2



[Ucatshulwe kwi-intanethi www.googlesearch.com waza wahlelwa] [50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHI

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo ubhale ngayo. Bhala amagama ali—100-120 (umxholo kuphela)

UMBUZO 2**2.1 ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umzali wakho nanjengomfundi webanga leshumi elinesibini ukhalazele ukunganikwa nkxaso likhaya. [25]

2.2 I-OBHITSHUWARI

Bhala i-obhitshuwari yomntu okukhulisileyo. [25]

2.3 INGXELO ESESIKWENI

Bhala ingxelo yethoko lokuthi ndlela-ntle kubafundi njengoNobhala weBhunga labafundi. [25]

2.4 INQAKU LEMAGAZINI

Bhala inqaku lemagazini ngobungozi bamakhasi onxibelelwano. [25]

2.5 INTETHO ENGEKHO SESIKWENI

Bhala intetho oza kuyenza kwitheko lekhaya, ubulela umkhuluwa okanye usisi wakho obe ngumzekelo kuwe. [25]

2.6 ISIVI NELETA EKHAPHAYO

Bhala ileta ucele umsebenzi uthumele nesivi yakho. [25]

AMANQAKU ECANDELO B: 50
AMANQAKU EWONKE: 100